



# Badlala kuyo nayiphi imozulu



**NguMandisa Twala**



UNomi, uBheki, uZola noShumi bahlala  
edolophini.

Bangabahlobo abasenyongweni.

Kunetha okanye kushusu, kubanda okanye  
kusibekele, badlala kunye.





Abahlobo bakaNomi baze kudlala kowabo.

Kusehlotyeni. Ilanga lishushu. UBheki  
noNomi bayaqubha. UShumi noZola badlala  
ngebhola.

Abahlobo badlala kamnandi!



Umama kaNomi ubaphathela ii-ayisikhrimu nevatala bayitye.







Abahlobo bakaBheki baze kudlala kowabo.

Kukho moya opholileyo. Abahlobo batshayela amagqabi. UShumi uqhuba ikiriva.

Abahlobo badlala kamnandi.



Umakhulu kaBheki ubaphathela iibhanana neediliya bazitye.





Abahlobo bakaZola baze kudlala kowabo.

Kusebusika. Kuyabanda. UZola noNomi badlala itshesi. UBheki noShumi badlala undize.

Abahlobo badlala kamnandi.





Utata kaZola ubaphathela isuphu eshushu bazitye.





Abahlobo bakaShumi baze kudlala kwipaki ekufutshane kowabo.

Kusibekele kodwa kufudumele. Abahlobo badlala ibhola ekhatywayo. UZola ngusompempe.

Badlala kamnandi epakini.



Umakazi kaShumi ubaphathela iziselo ezisebhotileni neebhiskithi zetshokoletshi ukuba bazitye.





Kunetha okanye kushusu, kubanda okanye kusibekela, ukudlala kunye kuyonwabisa!